ISIXHOSA HOME LANGUAGE **NOVEMBER 2008**
PAPER 1

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

1. Abafundi mabafundiswe ukuba xa becaphula mabasebenzise iimpawu zocaphulo. Abanye nangona impendulo ilungile, bayijikile yangathi iphuma kubo. Kubalulekile ukuba ootitshala bayibethelele kubafundi ezikolweni into yokuba xa kuthiwe caphula kunyanzelekile ukuba loo ntetho uyicaphuleyo uyifake kwiimpawu zocaphulo. Okwesibini intetho leyo uyicaphuleyo uyibhale njengoko ibhaliwe ungajiki nto.

2 Mabacaciselwe abafundi umahluko phakathi kwenyani noluvo. Inyani yintetho engajikiyo/enjalo. Uluvo yintetho abantu abasele beyijikile abacinga ukuba yinyani okanye imele ukuba njalo.

3. Ootitshala mabayibethelele into yokuba kukho umahluko phakathi kokunika intsingiselo, umzekelo uyalicacisa igama ukuba lithetha ntoni, ize isithetha-ntonye sibe ligama elinye okanye isifanokuthi.

4. Mabaliqingqelwe inani lamagama amabawasebenzise xa kufuneka benike isihloko. Mabajonge ingxam/umxholo wesicatshulwa.

5. Ootitshala basasilela ukuvavanya abafundi kwizicatshulwa ezibini ezahlukeneyo, ekufuneka ukuba bajonge ukuba zidibana njani.

ICANDELO B (ISISHWANKATHELO)

UMBUZO 2

Ootitshala mababafundise abaviwa ngeendlela zokushwankathela ezahlukeneyo. Kunqabile ukufumana abafundi abakwazi ngokwenene ukushwankathela.
Ushwankathelo malubethelelwe kwiphepha lokuqala nelesibini. Umzekelo xa kufundwa imibongo, abafundi mabakhe bashwankathele imihlathi yemibongo, kumhlathi ngamnye banike ezona ngongoma ziphambili zivezwa yimbongi. Xa benokuqheliswa oku, kuya kuba lula ukushwankathela kwiphepha lokuqala.

ICANDELO C: IGRAMA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

1. Abafundi mabafundiswe ukuwufundisisa umbuzo ingakumbi xa ufuna baphendule izinto ezi-2. Umzekelo, apho kubuzwa izinto ezimbini banika ibenye baze ke ngoko baphulukane nelinye inqaku .

2. Abaviwa abayifundi imiyalelo, size ke isiphumo soko ibe kukungayilandeli. Mayibethelelwe mpela into yokuba bayifundisise imiyalelo .

3. Umbuzo wokulungiswa kweziphene bangawuqheliswa abafundi ngokumana belungisa iziphene kumaphepha-ndaba asimahla adla ngokupapashwa, nakwiintengiso neemagazini ezisetyenziswa mihla le nekufuneka ootitshala bazisebenzise ezi zinto ukuze abaviwa bayiqhele imibuzo elolu hlobo.

4. Abafundi abazazi izaci namaqhalo, iseluxanduva lootitshala ukubafundisa izaci namaqhalo.

IMIBUZO 4 NO-5

Abafundi baqhuba kakubi kakhulu kwimibuzo yegrama, okuthetha ukuba kufuneka ootitshala bayifundise mpela igrama phakathi enyakeni yaye mababaqhelise ngokubavavanya qho abaviwa basebenzise namaphepha eminyaka edlulileyo.